# ZokuKhonza
IiNtsika ezi-5

**Isisekelo sobomi beSilamsi**

## 1. IsiBhengezo **seNkolo**

Isibhengezo senkolo singqina into yokuba akukho Thixo ufanelwe kukukhonzwa ngaphandle koAllah, yaye uMuhammad unguMthunywa wakhe. Kufuneka ithethwe ngomlomo yaye isekelwe kubunyani nobuqilima benkolo kwintliziyo, kulandelwe ngesenzo. Ngokwesisibhengezo, umntu wala bonke oothixo bobuxoki, aqinisekise ukuba uAllah nguye yedwa eMnye ofanelwe kukukhonzwa, yaye avume uMthunywa wakhe, njengoko eba liSilamsi.

## 2. IMithandazo **yeMihla ngemihla emi-5**

Imithandazo yemihla ngemihla emi-5 yenza intsika yesibini ye-Silamsi. UMthandazo useka uqhagamshelwano lomntu nomoya oyingcwele phakathi kwamaSilamsi noMdali wabo, yaye kuyinto eqhelekileyo neyisisikhumbuzo sokuba umntu ibengumsebenzi wakhe ukuzinikezela kuThixo. Bavumeleke kanye ekuseni, emini emaqanda, emvakwemini, ekutshoneni kwelanga nasebusuku. Umthandazo ngamnye uthatha imizuzwana ukwenziwa, uqhuka isicengcelezo seKhorani, izicelo, ukudunyiswa kukaAllah, yaye nezimo zomzimba ezahlukeneyo. Ukulungiselela umthandazo, amaSilamsi ahlamba amalungu athile yemizimba yabo, afana nobuso kunye nezandla, ukuqinisekisa ukuhlanzeka ngokomoya nokomzimba.

## 3. UMsitho **warhoqo ngoNyaka weMfesane**

UMsitho warhoqo ngonyaka wemfesane usisinyanzelo kulo lonke iSilamsi esisilungeleyo eso sigaba simiselweyo. I 2.5% yendzuzo yobutyebi bomntu ngonyaka inikezelwa kwabo bafanelekileyo, abanjengabantu abahlwempuzekileyo, okanye abahambeli. Lonto ihlambulula ubutyebi bomntu yaye ibenenzuzo eninzi kumnikezeli nomamkeli. Enye inzuzo yeyokuba icutha isithuba phakathi komntu osisityebi nomntu ohlwempuzekayo, iqinisekisa ukuba wonke umntu ziyenzeka iimfuneko zakhe.

## 4. UZilo **larhoqo ngoNyaka**

*IRamadan yinyanga ye-9 kwiKhalenda yeSilamsi*

Rhoqo ngonyaka ngesithuba senyanga yeRamadan, amaSilamsi azila ukutya ukusesela ekuseni ukuya ekutshoneni kwelanga, bangatyi ukutya, bangaseli yaye bangenzi ezesondo. Oku kusebenza njengokuhlambulula umphefumlo, kukhuthaza inzondelelo nokuzilinda, yaye inika izibonelelo zempilo entle. Ukuzila sizinyanzelo kwiSilamsi eliphilileyo ngokwasemzimbeni nangokwasengqondweni. Abantwana, abagulayo, nabagula ngengqondo, abadala, nababhinqileyo abasexhesheni kwakunye nabahambeli abanyanzelekanga ukuzila. Ababhinqileyo abamithiyo okanye abancacisayo abanyanzelekanga.

## 5. Uhambo **oluya kwindawo engcwele nekhethekileyo**

*Bonke abathatha uhambo besiya kwindawo engcwele banxiba impahla eyeleleneyo nengaxhakazeliyo, ethi ibohluhle kwiindidi zenqanaba nesiko, ukwenzela ukuba bagqame phambi kukaThixo.*

Uhambo olungcwele oluya kwiidolophu ezingcwele eSaudi Arabia kufuneka umntu aluthathe kanye ebomini bakhe, ukuba baphilile yaye banayo imali yokwenza oko. Kwenzeka rhoqo ngonyaka kwinyanga yeshumi elinesi-12 kwikhalenda yeSilamsi, ukudibanisa abantu bebala elohlukeneyo, iintlanga, ubungakanani nobudala babo, nanjengoko bedibana ekukhonzeni oYena Umnye noNyanisekileyo uThixo. Olu hambo lubaluleke kangaka luqhuka amasebe amaninzi, kuqhuka ukuzincama/ukuzinikezela, ukuthatha uhambo nokuthandaza kwindawo ezahlukeneyo.

# EngokuKhonza
INgcingane

**Nasiphi na isenzo uAllah esimkholisayo.**

Imbono yokukhonza yeSilamsi ayivaleli izithethe ezikhankanywe ngentla. INkonzo iqhuka konke ekuzizenzo ezikholisa uAllah. Izinto ezenzeka imihla ngemihla zinokuba zizenzo zokukhonza ezihlambulula ingcinga yomntu yaye ziqinisekisa ukuba zingqamene nomkhombandlela kaThixo. Imizekelo iqhuka ukuncuma, ukwenza okuhle kummelwane wakho, ukuxhasa usapho lwakho, ukunyaniseka, yaye nokususa inkunkuma endleleni. Kufuneka icace into yokuba uAllah akafuni nkolo yawo nawuphi na umntu, koko sithi abafuna Yena yaye inkolo yethu yeyona eyinzuzo kuthi.

# ISiphelo

Izimvo zokholo nezenzo zokukhonza ezikhankanywe ngentla zenza umzekelo ogqibeleleyo wobuSilamsi. Xa kusenziwa, iSilamsi sizalisekisa umoya oyingcwele, ngokomzimba, ngokwengqondo nangeemfuno zokuhlala zabantu bonke, yaye kuyindlela yokwenza eqhelekileyo yobomi. Ukongezelela, kuyindlela enye yobomi eyamkelekileyo kuThixo oMkhulu kubo bonke, yaye kuyeyona ndlela iyodwa ekhokhelela eParadesi.


**Ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe kunye nezinye iiphamflethi kolu Luhlu**


**p** (+27) 21 696 8375/6 **w** discoverislam.co.za **e** info@discoverislam.co.za


**Donation Details**

**Bank Name** Standard Bank
**BSB** Kromboom / 026209
**Account** Discover Islam Centre
**Account No.** 072873647

# UbuSilamsi

## intshayelelo emfutshane



funda **ngokusisiseko**


discoverislam.co.za

# UbuSilamsi

AmaSilamsi enza isinye kwisihlanu ekhulwini (1/5) lwabemi/abantu kumhlaba jikelele, inkolo yobuSilamsi ibeyenye enkulu. Inkolelo nenkonzo yoThixo Omnye noNyanisekileyo (Allah) yinjongo yobomi nesiseko sobuSilamsi.

Igama lesi Arabhu elithi "Silamsi" lithetha "isinikezelo" kuThixo omnye nonyanisekileyo (Allah) yedwa. Impumelelo ifumaneka kobubomi ngokobuSilamsi – eyona nkolo yamkelweyo nguThixo. Ngokungafaniyo nezinye zenkolo, ayithiywanga ngegama lomntu okanye olohlanga oluthile. Lowo uvolontiyayo anikezele ngokholo lwakhe kuThixo ubizwa ngokuba uliSilamsi, usenokuba lolunye uhlanga okanye ohluke ngamasiko.

## Imiba emithandathu (Amanqaku) YezeNkolo

*U Allah ligama lomntu onguThixo Omnye noNyanisekileyo.*

### 1. Ukukholelwa ku **Allah**

U "Allah" ligama elilodwa nelingaqhelekanga lesi-Arabhu elithetha UThixo Omnye noNyanisekileyo, oNguye yedwa noMnye ofanelwe kukukhonzwa, ongenabantu akhuphisana nabo, abalingana okanye abanothelelwano naye. U Allah akafani neNdalo yakhe, nanjengokuba kungekho nto yabelana naye ngomoya wakhe ongcwele neempawu zakhe, kuquka: uMdali, uMboneleleli, oYena uneNceba, onaMandla Onke, onoBulungisa, onoBulumko noWaziyo nkonke.

U Allah akanamlingane kumandla nezenzo zakhe. IHlabathi ladalwa ngamandla akhe odwa. Onguye yedwa olawula ihlabathi. Njengendalo engekho lula kodwa engqameneyo akukho lula nakubani na ukuyenza ngaphandle kwalowo umkhulu. Njengoko kungakwazeki ukukholelwa ukuba umhlaba uzidale ngokwawo, okanye wabangumphumela owenzeka ngebhaqo okanye ngaphandle kokucwangciswa.

### 2. Ukukholelwa **kwiiNgelosi**

U  Allah wadala iingelosi ekukhanyeni ezaziwuthobela umthetho wakhe. Iinkcukacha ngezinye zengelosi ziye zadandalaziswa, ezifana noGabriel, owahambisa umyalelo kaThixo kubaProfethi, nakuyo iNgelosi yoKufa ethatha imiphefumlo yabantu.

### 3. INkolo **kwiiNcwadi eziTyhiliweyo**

U Allah waveza iincwadi ezingcwele kubaThunywa Bakhe njengomkhombandlela nenceba kuluntu  eziqhuka iTora neVangeli nanjengoko zavezwa kuMosisi noYesu ngokulandelelana, njengoko neKhorani yavezwa kuMuhammad (uxolo balube phezu kwabo bonke). Ngaphandle kweKhorani, ezi zityhilelo azifumaneki ngokwemo yazo yokuqala, nanjengokuba ziye zajika-jikwa, zatshintshwa okanye zilahlekile.

*Omnye ummangaliso weKhorani ngowokuba awunazo iimpikiswano neziphoso.*

IKhorani lelona lizwi likaThixo nesityhilelo sokugqibela kuluntu lonke. Ngokuhlangana kwentetho ezi zizo nezenzo zikaMprofethi Muhammad (uxolo malube phezu kwakhe), ngowona mthombo ungundoqo kulwazi lwamaSilamsi.

### 4. Ukukholelwa **kuBaprofethi**

AmaSilamsi akholelwa ukuba amawaka-waka abaProfethi bathunyelwa ngu-Allah, ngamnye kwisizwe ngasinye, ukuhambisa ilizwi lakhe elingcwele.  Aba baProfethi baquka u Adam, uNoah, uAbraham, uDavide, uJosefu, uMosisi, uYesu noMuhammad (uxolo malube phezu kwakhe). Umsebenzi wabo yayikukubuyisela abantu kunqulo loThixo Omnye noNyanisekileyo, besebenza njengemizekelo ebonisa ukuba uthotyelwa njani uThixo, bebonisa abantu indlela eya elusindisweni. Nanjengabantu, akuvumelekanga ukubakhonza okanye ukubasebenzisa njengabantu abaphakathi kwakho noThixo.

*AbaProfethi abanasabelo nakoluphi na uhlelo kubungcwele bukaThixo.*

#### - UMprofethi **uYesu**

AmaSilamsi akholelwa ukuba uYesu ungumprofethi ohloniphekileyo kaThixo, uzelwe ngokumangalisayo ezalwa yintombi uMariya. Wenze imimangaliso emininzi ngemvume kaThixo, njengokuphilisa abagulayo, iimfama, ethetha njengosana olusandukuzalwa ekhusela unina wakhe kwizityholo atyholwa ngazo. Nangona amaSilamsi ehlonipha yaye ethanda uYesu, awamkhonzi. Awamthathi njengonyana kaThixo, bengamthathi njengomTriniti), engenasabelo nakubo  ubungangamsha obugqibeleleyo bukaThixo.

> *UThixo uthi: "Akufanelekanga ukuba uAllah athathe unyana; odumisekayo Yena! Xa echaza umba, Uthi kuphela, `Yiba' yaye kuyi."*
>
> *IKhorani 19:35*

#### - UMprofethi **uMuhammad**

UMuhammad (uxolo lube phezu kwakhe) wayengowokugqibela uMprofethi owathunyelwa kuluntu lonke. Weza neKhorani ukuzakubonisa ukuba iimfundiso kufuneka zenziwe njani na, yaye ingumzekelo ogqibeleleyo wenyani, olungileyo, onenceba, onovelwano, onyanisekileyo nongumntu ohlakaniphileyo. NjengoYesu, umSilamsi akamkhonzi uMuhammad.

UMprofethi uMuhammad (uxolo lube phezu kwakhe) uthi:

> ***"Sukugqithisa kumda xa undidumisa nanjengoko amaKristu emdumisa uYesu, uNyana kaMariya. Ndisisicaka sikaThixo; ke ndibize ukuba ndisisiCaka sikaThixo noMthunywa wakhe."***

### 5. INkolelo **kuMhla woMgwebo**

IMini yoMgwebo sisiganeko apho umntu ngamnye uyakuma phambi koMdali abuzwe ngezinto ezintle nezimbi zakhe ebezenza. Izenzo ziyakuboniswa ngendlela ethe gca necacileyo, nokuba zingakanani na ubukhulu bazo, yaye wonke umntu uyakugwetywa ngokufanelekileyo.

*Ngaphandle koMhla woMgwebo, ubomi buyakuba kwisimo esibi nesingalunganga, nanjengoko ingasinguye wonke umntu oyakufumana ubulungisa kweli hlabathi.*

Ngalo Mhla ubalulekileyo, uAllah, oLunge ngokuGqibeleleyo, uyakulungisa yonke imiba ngokufanelekileyo yaye akukho namnye umntu oyakuphathwa kakubi. Amalungelo omntu wonke ayakubuyiselwa kubo.

### 6. INkolelo **kwiKamva eliNgcwele**

U Allah wazi yonke into ukusuka kwedlulileyo, kweqhubekayo, nayo yonke into ezakwenzeka kwixesha elizayo.

Wonke umntu ulunikiwe ilungelo lokukhetha phakathi kokulungileyo nokungalunganga, yaye eyakufuneka achaze ngokufanelekileyo. Kodwa ke, oku akuqhuki abantu abangakwaziyo ukuzenzela, ngenxa yokukhubazeka kakhulu kwabo.

*UAllah unamandla kwizinto zonke – akukho nto inokwenzeka ngaphandle koLwazi nemvume Yakhe.*

Ilungelo lomntu aliphikisani nento yokuba iziganeko zinokwenzeka kuphela ngolwazi nemvume kaThixo. Ingekuba lonto ithetha ukuba amandla kaThixo aphezu kwento yonke avalela ilungelo labantu. Ulwazi lukaThixo ngezigqibo zabantu alithethi into yokuba bayanyanzelwa ukuba benze ezo zigqibo, yaye lonto ingathethi ukuba uThixo uyoneliseka yiyo yonke into ayivumela ukuba yenzeke.